IPROJEKTHI YE-GEC EDIBANISAYO YEBANGA LESI-9

INCWADI YOMSEBENZI YABAFUNDI

3 ENTREPRENEURSHIP
EMPLOYABILITY
EDUCATION

UKUFUNDA OKUSEKELWE KWIPROJEKTHI/ ISIFUNDO ESIYIANKILE: ISIFUNDO NGEZOBOMI

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Read to Lead
A Reading Nation is a Leading Nation

2030 NDP

GRADE 9
2026

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

Le infografikhi ibonisa indlela zonke izifundo zesikolo sakho ezinxibelelana ngayo kwiprojekthi eyiankile esekelwe kwisiFundo ngezoBomi. Iprojekthi ikunceda ukuba uziqonde, ukhethe ikhondo lomsebenzi elifanelekileyo ukuqaqambisa ikamva lakho, kunye nezakhono ozidingayo ukuze uphumelele.

IsiFundo ngezoBomi (LO) – Iziko leProjekthi

IsiFundo ngezoBomi ngowona mxholo udibanisa yonke into.

Ijolise koku kulandelayo:

- Ukuziqonda
- Ukuphononononga amakhondo emisebenzi neeleta ezisesikweni
- Ukubona amathuba awohlukileyo

Zonke ezinye izifundo zixhasa oko ukufundayo kwiLO.

Indlela isifundo ngasinye esiqhagamshelana ngayo kwiLO

1. **Iilwimi (HL & FAL)**

Uza kwenza oku:

- **Uphando**
- **Ukubhala** iingxelo yophando
- **Ukunikezela ngentetho yomlomo**

Ezi zakhono zikunceda ukuba uchaze izimvo zakho ngokucacileyo.

2. INzululwazi yezeNdalo

Ukuphononononga:

- Ucalucalulo kunye nemithetho yangaphambili
- Imbali yamakhondo emisebenzi
- Indlela **uluntu** lwakho olulungisa ngayo amathuba engqesho

Oku kukunceda ukuba uqonde imeko ejikeleze ikamva lakho.

3. EzobuGcisa obuYilayo

Usebenzisa:

- **Idrama, umdaniso, umculo, kunye nobugcisa obubonwayo**
- Ukuveza ukuba ungubani, inkcubeko, kunye nezimvo

Oku kwakha ubuchule onokubusebenzisa kulo naliphi na ikhondo lomsebenzi.

4. **INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho (EMS)**

Ufunda malunga noku:

- Ushishino noqoqosho
- Ukuba ngusomashishini
- Intengiso kunye nezemali

Ezi zakhono zikunceda uqonde imali kunye nemisebenzi kwishishini.

Ukudityaniswa: Zonke Izifundo **zisebenza kunye**

Iprojekthi yakho idibanisa zonke izakhono ezivela kuzo zonke izifundo.

Le nto ithetha ukuba:

• Iprojekthi ENYE

• Izifundo ezininzi ezikuncedayo ukuphuhlisa izakhono zobomi bokwenyani /bemiha ngemihla

• Ufunda indlela izifundo zesikolo ezinxibelelana ngayo nobomi bokwenyani/bemihla ngemihla

Phambi kokuba iprojekthi iqale, bonke abafundi kufuneka:

Basebenzise uVavanyo lwe*Inclinations* olunikezelwa yiTeacherConnect ukunceda abafundi bachonge umsebenzi ohambelana nezakhono kunye neempawu zabo. UVavanyo lweInclinations lunokufumaneka kwiWhatsApp kule nombolo: +27 60 060 3333.

• Skena iQR Code ukuze kube lula ukufikelela.

Vula iWhatsApp kwifowuni yakho uze uthumele igama elingundoqo elithi **IGO** kumyalezo kaWhatsApp weTeacherConnect. Qaphela ukuba eli gama alikhathali nokuba libhalwe ngoonobumba abakhulu okanye abancinci (oko kukuthi, ungalibhala ngolGO okanye igo). Qinisekisa kuphela ukuba akukho zithuba phakathi koonobumba ui, g no-o.

- Xoxa ngeentlobo zemibuzo enxulumene nodliwanondlebe ezisetyenziswa kuphando ngamakhondo omsebenzi namathuba oshishino.
- Fundani nize nixoxe ngemibuzo edweliswe ngezantsi ukuze niyiqonde, uze uvumele abafundi benze eyabo imibuzo njengenxalenye yophando lwabo.
- Cacisa isigama esitsha ukuze abafundi baqonde intsingiselo yemibuzo edweliswe ngezantsi.
- Chaza uze ubonise abafundi indlela yokuphuhlisa umbuzo wophando kwakunye nendlela yokwenza uphando.
- Bonisa abafundi indlela yokusebenzisa imithombo yolwazi, ukubaluleka kunye nesizathu sokusetyenziswa kwayo njengenxalenye yomsebenzi wophando.

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

Kule projekthi, ootitshala bolwimi baya kukhokela abafundi bagxile kwimimandla eyahlukeneyo kuLwimi lwaseKhaya (HL) nakuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL), ngelixa omabini amanqanaba olwimi elandela izigaba ezithathu ezifanayo: Uphando, Ukubhala, nonikezelo ngentetho.

Ezi zabelo zihambelana noyilo lweGeneral Education Certificate **Grade 9 Iprojekthi edibanisayo**, apho:

- ULwimi lwaseKhaya (HL) lugxile kwiMisebenzi / Amakhondo omsebenzi
- ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) lugxile KuMathuba oShishino

ULwimi lwaseKhaya (HL): kugxilwe kumakhondo omsebenzi

Abafundi baphanda ngomsebenzi ohambelana:

- namandla abo,
- nezinto abanomdla kuzo,
- kunye neziphumo zabo zeInclinations zeLO.

Bagqiba oku kulandelayo:

Uphando

- Ukwenza udliwanondlebe nengcali yomsebenzi othile
- Ukuqokelela ulwazi kwimithombo eyahlukeneyo

Ukubhala

- Ukubhala **Ingxelo yoPhando esesikweni** bephendula umbuzo wophando besebenzisa ubungqina obuvela kwiLO, SS, ne-EMS

Ukunikezela ngentetho yomlomo

- Ukunikezela iziphumo zophando lwabo ngomsebenzi
- Ukuxhaswa zizinto zobuGcisa boYilo ezifana:
    - neepowusta
    - izixhobo zokubonisa(oonodoli iimpahla njalo-njalo)
    - nemifanekiso yokubonwayo

Isizathu sokuba uLwimi lwaseKhaya HL lugxile kumakhondo emisebenzi

ULwimi lwaseKhaya lulindele:

- inqanaba eliphezulu lokufundela ukuqonda,
- ubhalo olunatyisiweyo noluneenkcukacha ezipheleleyo,

Ingxelo esesikweni ifuna ukusetyenziswa kolwimi olukumgangatho obonisa ubungcali kunye nokuqiqa okucwangcisiweyo, yiyo loo nto ilungele abafundi abenza uLwimi lwaseKhaya (HL)

ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL): Ugxininiso kuMathuba oShishino

Abafundi baphononononga ingcingane ngoshishini olunokusebenza kuluntu lwabo.

Bagqiba oku kulandelayo:

Uphando

- Ukwenza udliwanondlebe nomninishishini
- Ukuqokelela ulwazi ngeemfuno zemakethi kunye nemisebenzi yeshishini

Ukubhala

- Ukubhala **Ileta esesikweni** esekelwe kuphando lwabo

Ukunikezela ngentetho yomlomo

- echaza uluvo lwabo ngeshishini ngokucacileyo nangokuqinisekisayo
- nexhaswa zizixhobo ezilula zokubonisa

Isizathu sokuba uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo (FAL) lugxile kuMathuba oShishino

ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo lugxininisa:

- kunxibelelwano olusebenzayo nolusebenzisekayo ebomini bemihla ngemihla.
- Ileta esesikweni inceda abafundi basebenzise ulwimi kwiimeko zobomi bokwenyani ezisekelwe entlalweni, ezifuna:
    - ingcaciso,
    - injongo,
    - kunye nezakhiwo ezilula ezisesikweni.

ULWIMI LWASEKHAYA: IMISEBENZI

IPHEPHA LOMSEBENZI 4.1

Sebenzisa eli phepha ukulungiselela udliwanondlebe nomntu osemsebenzini wamaphupha akho. Le yindlela entle yokwenza uphando kwaye ufumanise ukuba ungawuthanda ngenene umsebenzi owukhethileyo. Nceda wongeze imibuzo eli-10 ubuncinane kwisithuba esinikiweyo. Sebenzisa eli phepha ukwenza udliwanondlebe kwaye ubhale phantsi iimpendulo kumhlathi wesibini.

IGAMA LESIKOLO: . . . . . .

(Ungasebenzisa ifomu yemvume engasemva koxwebhu)

IGAMA LOMNTU OWENZA UDLIWANONDLEBE:.....

IGAMA LOMMNTU OZE KUDLIWANONDLEBE: .....

IGAMA LOMSEMENZI OKHETHIWEYO.....

Imibuzo yodliwanondlebe	**Iimpendulo zodliwanondlebe**
1	
2	
3	
4	
5	

6	
7	
8	
9	
10	

Imizekelo yemibuzo enokubuzwa kudliwanondlelbe: Zeziphi izifundo ekufuneka uzithathe? Zingaphi iiyure osebenza ngazo ngeveki? Zeziphi izakhono ozidingayo? Yintoni eyona nto embi malunga nalo msebenzi? Zeziphi ezona zinto zilungileyo malunga nalo msebenzi? Uthini umvuzo xa uqala? Ingaba imithetho yocalucalulo iye yaba nefuthe kula mathuba emisebenzi mandulo

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO: AMATHUBA OSHISHINO

IPHEPHA LOMSEBENZI 4.2

Sebenzisa eli phepha ukulungiselela udliwanondlebe nomninishishini. Khetha umntu oneshishini noseleqhuba ishishini olibonayo elisaqalayo. Nceda wongeze imibuzo eli-10 ubuncinane kwisithuba esinikiweyo. Sebenzisa eli phepha ukwenza udliwanondlebe kwaye ubhale phantsi iimpendulo kumhlathi wesibini.

IGAMA LESIKOLO :.....

(Ungasebenzisa ifomu yemvume engasemva koxwebhu)

IGAMA LOMNTU OWENZA UDLIWANONDLEBE: ..... ISIGABA: .....

IGAMA LOMNTU OZE KUDLIWANONDLEBE: .....

IGAMA LESHISHINI ELIKHETHIWEYO: .....

Imibuzo yodliwanondlebe	**Iimpendulo zodliwanondlebe**
1	
2	
3	
4	
5	

6	
7	
8	
9	
10	

Imizekelo yemibuzo enokubuzwa kudliwanondlelbe: Likweliphi inqanaba ishishini lakho (izinga eliphantsi, eliphakathi, neliphakamileyo) Ingaba ufuna isixa esikhulu semali ukuqalisa ishishini lakho? Ingaba wenza imali eninzi ngeshishini okanye ngokusebenza? Loluphi uhlobo lobunini beshishini? Ingaba imithetho yocalucalulo yenza kwanzima ukwenza ushishino mandulo? Lithini ifuthe kushishino namhlanje?

LO MSEBENZI WENZIWA NGABAFUNDI BOLWIMI LWASEKHAYA: IMISEBENZI KUNYE NABAFUNDI BOLWIMI LOKUQALA OLONGEZELWEYO: AMATHUBA OSHISHINO

IPHEPHA LOMSEBENZI 4.3

Yenza uphando olongezelelweyo malunga nekhondo olukhethileyo okanye umsebenzi kunye neshishini kwaye udwelise iireferensi ezintathu / imithombo kuluhlu lweencwadi (uluhlu lweereferensi ezisetyenziswe ngexesha lophando) Dwelisa imithombo neereferensi zakho ngezantsi

Umzekelo. J. Khala	The Beancounter	20 Meyi 2016	Cape Town	Penguin					
Umzekelo. WENA	Udliwanondlebe noMnumzana X	24 Septemba 2021	Potchefstroom	Bucala					
Umzekelo. L Smith	How volunteering can help you build skills	14 Matshi 2018	Intanethi	https://charityvillage.com					

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

ULWIMI LWASEKHAYA: IRUBRIKI YOPHANDO NGEKHONDO LOMSEBENZI

Ikhriteriya	Iqaqambile	Iyonelisa	Ifanelekile	Ayiphumelelanga
	3 amanqaku	**2 amanqaku**	**1 inqaku**	**0 alikho**
Umbuzo wophando **(3 amanqaku)**	Umbuzo ucace kakhulu, ugxile kumsebenzi othile, uyaphenduleka kwaye ulukhokela kakuhle uphando.	Umbuzo ucacile kwaye uhambelana nesihloko kodwa awugxilanga kakhulu kuphando.	Umbuzo ukhona kodwa ubanzi kakhulu okanye awucaci kakuhle kwaye ungalubhidisa uphando.	Akukho mbuzo wophando okanye awuhambelani kwaphela nophando.
	4 amanqaku	**3 amanqaku**	**2–1 amanqaku**	**0 alikho**
Indlela kunye nenkqubo yophando (4 amanqaku)	Usebenzise inkqubo epheleleyo ebandakanya yonke imithombo efunekayo: I-Inclinations zeLO, ubungqina bodliwanondlebe unalo, uphando lweSS ngemithetho yexesha localucalulo, imisebenzi ye-EMS kwishishini, kunye neminye imithombo. Inkqubo ichazwe ngokucacileyo.	Ubukhulu becala kusetyenziswe inkqubo yophando; ubandakanya uninzi lwemithombo efunekayo kodwa ezinye iinkcukacha ziyasilela.	Ukulandelwa kwenkqubo yophando kuncinane kakhulu; eminye imithombo ayikho okanye inkqubo ayicacanga.	Akukho nkqubo nandlela ichaziweyo okanye ubungqina bophando buncinane kakhulu.
	7–6 amanqaku	**5–4 amanqaku**	**3–2 amanqaku**	**1–0 inqaku**
Iziphumo kunye nohlalutyo (7 amanqaku)	Iziphumo zichanekile, zicaciswe kakuhle kwaye zibonisa ukuqonda okucacileyo; ulwazi ludityanisiwe kwaye luhambelana nombuzo wophando.	Iziphumo ezininzi zichanekile kwaye zihambelana nesihloko, kukho uhlalutyo oluncinane.	Iziphumo zikwinqanaba elisisiseko, ziyachaza kuphela, akukho hlalutyo lubheke phi	Iziphumo azichanekanga, azihambelani nomsebenzi okanye azikho.
	6 amanqaku	**5–4 amanqaku**	**3–2 amanqaku**	**1–0 inqaku**
Usetyenziso lwemithombo kunye ngokunyanis ekileyo **(6 amanqaku)**	Okubhekiselele kwimithombo kuchanekile kwaye kuyahambelana; kubandakanya ubungqina bodliwanondlebe kunye neminye imithombo exhasayo. Ulwazi lubhalwe ngamazwi akhe umfundi.	Okubhekiselele kwimithombo kulungile kodwa kukho iimpazamo ezincinane; imithombo ikhankanyiwe.	Okubhekiselele kwimithombo akuhambelani; kukho ukukopa okuninzi okanye ukungacaci ekubhaleni ngamazwi akhe.	Akukho okubhekiselele kwimithombo okanye kukho ubungqina bokukopa okuninzi kakhulu, akawasebenzisa-nga amazwi akhe.

Phawula_____

_____

_____

Intsayino katitshala _____ **AMANQAKU** /20

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IRUBRIKI YOPHANDO LAMATHUBA OSHISHINO

Ikhriteriya	Iqaqambile	Iyonelisa	Ifanelekile	Ayiphumelelanga
	3 amanqaku	**2 amanqaku**	**1 inqaku**	**0 alikho**
Umbuzo wophando (3 amanqaku)	Umbuzo wophando ucace gca, ujolise kakuhle, ufanelekile kwaye ulu khokela ngokupheleleyo uphando.	Umbuzo wophando ucacile kwaye ufanelekile kodwa awujolisanga ngokupheleleyo.	Umbuzo wophando ukhona kodwa awucaci okanye ubanzi kakhulu.	Akukho mbuzo wophando okanye awuhambelani nesihloko.
	4 amanqaku	**3 amanqaku**	**2-1 amanqaku**	**0 alikho**
Indlela / inkqubo yophando (4 amanqaku)	Kuchazwe ngokucacileyo indlela ulwazi oluqokelelwe ngayo kusetyenziswe imithombo emininzi; indlela nenkqubo zicwangciswe kakuhle, icacile kwaye ifanelekile.	Indlela nenkqubo zichazwe kakuhle ubukhulu becala kwaye kusetyenziswe ngaphezu komthombo omnye, nangona kukho iinkcukacha ezimbalwa ezingekhoyo.	Inkcazelo yendlela nenkqubo incinane; kusetyenziswe imithombo embalwa okanye inkqubo ayicaci.	Akukho ndlela nankqubo ichaziweyo; akukho bungqina bophando okanye buncinci kakhulu.
	7-6 amanqaku	**5-4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Iziphumo notoliko (7 amanqaku)	Iziphumo zichanekile, zitolikwe kakuhle kwaye zibonisa ukuqonda okucacileyo; ulwazi ludityanisiwe kwaye luhambelana nombuzo wophando.	Iziphumo zichanekile ubukhulu becala kwaye ziyahambelana, kukho notoliko oluthile.	Iziphumo zisisiseko, zichaza nje kuphela, kwaye zinemida ekuchanekeni okanye ekuhambelaneni.	Iziphumo azichanekanga, azihambelani nomsebenzi okanye azikho.
	6 amanqaku	**5-4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Ukusetyenziswa kwemithombo nokucaphula kwimithombo esetyenzisiweyo (6 amanqaku)	Kusetyenziswe uluhlu olubanzi lwemithombo, kakuhle; kushwankathelwe ulwazi ngokuchanekileyo; imithombo isetyenziswe ngokulandelelekayo nangokungaguquguqukiyo; kubonakala ukunyaniseka kwezemfundo.	Imithombo isetyenziswe kakuhle ubukhulu becala; imithombo ichanekile nangona kukho iimpazamo ezimbalwa.	Ukusetyenziswa kwemithombo kuncinane, nangona kukho umzamo wokwenza oko, kukho iimpazamo; zokuphinda kubhalwe ulwazi ngendlela ebuthathaka.	Akukho mithombo esetyenzisiweyo; kukho iimpazamo ezinkulu okanye ubungqina bokukopa.

Phawula_____

_____

_____

_____

Intsayino katitshala _____ **AMANQAKU** /20

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

ITSHEKHILISTI YOPHANDO: *(Akukho manqaku aza kunikwa)*

IMIYALELO: Abafundi mabasebenzise olu luhlu lokujonga ukulandelela inkqubela yabo ngexesha besenza uphando.

Umsebenzi weQela

	ISIGAMA	KHANGELA
1	Chaza umbuzo ocacileyo wophando	
2	Qokelela ulwazi olufanelekileyo kuluhlu lwemithombo yolwazi	
3	Vavanya ukuthembeka kwemithombo	
4	Ubhale amanqaku malunga nolwazi olubalulekileyo	
5	Caphula imithombo yolwazi usebenzisa isimbo esichanekileyo socaphulo	
6	Kwenziwe udliwanondlebe njengenxalenye yomsebenzi wophando	
7	Kuqatshelwe iimpendulo zodliwanondlebe ngokuchanekileyo nangokucocekileyo	
8	Usebenzise iziphumo zophando ukwenza impendulo kumbuzo wophando	
9	Usebenzisene kakuhle neqela	
10	Ingeniswe ngomhla okanye ngaphambi komhla omiselweyo	

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

IPHEPHA LOMSEBENZI 12.1 – ULWIMI LWASEKHAYA

ISIHLOKO- INGXELO: *Umsebenzi wam wexesha elizayo — Ingxelo ehlanganisiweyo yophando*

Umbuzo okhokelayo:
Ngowuphi umsebenzi ondilungele kakhulu, kwaye ngokwembali yelizwe laseMzantsi Afrika, imeko yoshishino yanamhlanje, kunye namandla endinawo akuchaphazele njani ukukhetha kwam lo msebenzi? *(Sebenzisa iziphumo zakho zeinclinations zeLO, uphando lweSS ngemithetho yocalucalulo, ulwazi lwe-EMS ngezoshishino, kunye nomzobo weCreative Arts ukuxhasa impendulo yakho.)*

Itekisi yonxibelelwano ende:
Ingxelo yophando esesikweni ebhalwe ngoLwimi lwaseKhaya enombuzo ocacileyo wophando, indlela yophando, iziphumo, ingxoxo nesiphelo, kunye noluhlu lwemithombo esetyenzisiweyo kunye nomfanekiso omnye owenzileyo kwi-Creative Arts (umzekelo: ipowusta okanye i-infografikhi) ukuxhasa iziphumo zakho.

Ubude: ±160–180 amagama kwisiqu sengxelo *(kungabalwa isihloko, izihlokwana, imithombo esetyenzisiweyo kunye nenkcazelo yomfanekiso). Oku kuhambelana nobude obuqhelekileyo bokubhala imihlathi emide yonxibelelwano esetyenziswa kwiBanga 9 kuLwimi lwaseKhaya ezikolweni, kwaye kuyahambelana nokugxininiswa kwiCAPS ubude obufanelekileyo, ifomathi efanelekileyo, kunye nolwimi olufanelekileyo.*

Kutheni kusetyenziswa la macandelo?
ICAPS HL ifuna ukuba ubhalele injongo ethile kunye nabantu ekujoliswe kubo, usebenzisa ifomathi efanelekileyo, ulwimi olusesikweni, kunye nothungelwano olucacileyo. Ifomathi yengxelo ikunceda ubonise ucwangciso, ukudibanisa uphando, kunye nesiphelo esicacileyo.

Izihloko ezinyanzelekileyo kwingxelo yakho):

1. **Isihloko**
2. **Umbuzo Wophando** *(umbuzo omnye ocacileyo ophendulwayo)*
3. **Indlela Yophando** *(indlela oqokelele ngayo ulwazi: isixhobo seinclinations zeLO; udliwanondlebe nengcali enye; imithombo yeSS; amanqaku e-EMS; iiwebhusayithi okanye iincwadi)*
4. **Iziphumo Nengxoxo**
    - **LO:** inkcazelo emfutshane ngawe (amandla akho aphezulu / izinto onomdla kuzo) ezinxulunyaniswa nomsebenzi
    - **SS:** umthetho omnye wocalucalulo owufundileyo; chaza imeko ekhokelele kuwo kunye nefuthe lawo kumathuba alo msebenzi, kunye nendlela le mbali esawachaphazela ngayo la mathuba nokhetho lwalo msebenzi namhlanje
    - **EMS:** kwisibhozo semisebenzi yeshishini, khetha ibe mibini ubonise indlela eso sibini esinokuchaphazela ngayo umntu okulo msebenzi owukhethileyo *(umzekelo: ukuthengisa okanye ulawulo lwabasebenzi kwindawo yephysiotherapy okanye kwindawo yokulungisa umbane weemoto)*
5. **Isiphelo** *(phendula umbuzo wakho wophando ngokuthe ngqo)*
6. **Imithombo yolwazi** *(jonga iindlela ezilula ezingezantsi)*
7. **Umfanekiso 1** *(faka umfanekiso omncinane wepowusta okanye umzobo wakho weCreative Arts kunye nenkcazelo yawo)*

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

Inkqubo yokubhala (Quka oku kwincwadi yakho yomsebenzi):
Ukucwangcisa/phambi kokubhala→ukuyila/ukwenza iidrafti→ukuhlaziya→ukuhlela→ukulungisa iziphene→nokunikezela umsebenzi wokugqibela

Jonga umzekelo ongezantsi kwindlela yokubhala imithombo yolwazi:

- **Udliwanondlebe:** Ifani, Oonobumba bokuqala. Udliwanondlebe no: igama kunye nefani, **umhla**, indawo.

  ***Umzekelo**:* Mbali, K. Udliwanondlebe noBilly Fortuin. 20 Epreli 2026, Welkom.

- **Iwebhusayithi:** Umbhali / umbutho. Isihloko sephepha. URL, umhla wokulifumana.

- **Incwadi / Inqaku:** Umbhali, **unyaka**, isihloko, umshiceleli / umthombo wolwazi.

- **Ukunyaniseka kwezemfundo:** Sebenzisa amazwi akho; sebenzisa iimpawu zocaphulo kuphela kwizicatshulwa ezifutshane nezifunekayo. Dwelisa yonke imithombo yolwazi oyisebenzisileyo.

INGXELO YOCWANGCISO LOKUBHALA

Bhala ingxelo malunga nenkqubo yophando lwekhondo elifanelekileyo kunye neziphumo zalo



IPHEPHA LOMSEBENZI 12.2 – ULWIMI LWASEKHAYA

UYILO LOKUQALA

IMIYALELO:

• **UMSEBENZI** – Bhala uyilo lokuqala lwengxelo yakho.
• Bambelela kwisihloko sengxelo yakho: **Ukuxela ngenkqubo yophando lwakho.**
• Inani lamagama okubhala ingxelo – **HL 160–180** amagama.

Bhala uyilo lwengxelo malunga nenkqubo yophando ngomsebenzi ofanelekileyo kunye neziphumo ezifunyenweyo, usebenzisa ezi zihloko zilandelayo:

• **Intshayelelo** (Ingcinga ethathwa njengenyaniso / hypothesis, umbuzo okhokelayo, injongo, njl.)
• **Isiqu / Umxholo ophambili** (Ulwazi olucwangcisiweyo, ngubani, yintoni, phi, nini, iziphumo zophando, njl.)
• **Isiphelo** (Izivakalisi eziqukumbelayo ezinamandla, iingcebiso, njl.)

IPHEPHA LOMSEBENZI 12.3 – ULWIMI LWASEKHAYA

UYILO LOKUGQIBELA

Bhala ingxelo yakho yokugqibela , malunga nenkqubo yophando ngomsebenzi ofanelekileyo kunye neziphumo ezifunyenweyo, usebenzisa ezi zihloko zilandelayo:

• **Intshayelelo** (Ingcinga ethathwa njengenyaniso / hypothesis, umbuzo okhokelayo, injongo, njl.)
• **Isiqu / Umxholo ophambili** (Ulwazi olucwangcisiweyo, ngubani, yintoni, phi, nini, iziphumo zophando, njl.)
• **Isiphelo** (Izivakalisi eziqukumbelayo ezinamandla, iingcebiso, njl.) ✍️ 😊

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

ULWIMI LWASEKHAYA: IRUBRIKI YOKUMAKISHA INGXELO : UMSEBENZI

Ikhriteriya	Iqaqambile	Iyonelisa	Ifanelekile	Ayiphumelelanga
		3 amanqaku	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Ucwangciso nenkqubo (3 amanqaku)		Ucwangciso lucacile kwaye loluphelelelyo; idrafti ibonisa uhlaziyo olunentsingiselo; utshintsho luphucula ingcaciso.	Kukho ucwangciso oluncinane; uhlaziyo alubonakali kakuhle okanye alucacanga.	Akukho cwangciso lunikiweyo; akukho nkqubo ibonakalayo yedrafti.
	6-5 amanqaku	**4-3 amanqaku**	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Ifomathi yengxelo nokuthungelana kwezimvo (6 amanqaku)	Ifomathi yengxelo ichanekile ngokupheleleyo; ukuhamba kwezimvo kulandelelana kakuhle; umanyano lugqwesile; ulwimi lusesikweni ngokungaguquguqukiyo.	Ifomathi ichanekile ubukhulu becala; izimvo ziyalandelelana noko; kukho iindawo ezimbalwa ezingadibenanga kakuhle.	Ifomathi ichanekile ngokuyinxenye; ulandelelwano alucaci kwezinye iindawo; uthungelwano lubuthathaka.	Ifomathi ayichanekanga; izimvo azicwangcisekanga; ulwimi alusoloko lufanelekile.
	5-4 amanqaku	**3 amanqaku**	**2 amanqaku**	**1 amanqaku**
Umbuzo wophando ukuya kwisigqibo (5 amanqaku)	Umbuzo wophando ugxile kakuhle kwaye unobulumko; ingxoxo iphuhliswe kakuhle; isiphelo siphendula ngqo umbuzo.	Umbuzo ucacile; ingxoxo iyalandelelana ubukhulu becala; isiphelo siyanelisa ngokubanzi.	Umbuzo awucaci kakuhle; ingxoxo ayigqitywanga; isiphelo sibuthathaka okanye asihambelani nombuzo.	Akukho mbuzo ucacileyo; akukho ngxoxo; akukho siphelo.
	8- 7 amanqaku	**6-5 amanqaku**	**4- 3 amanqaku**	**2-1 amanqaku**
Ukudityaniswa kwezifundo (8 amanqaku)	Zonke izifundo ezi3 zidityaniswe ngokuchanekileyo nangentsingiselo; unxulumano luchazwe kakuhle.	Izifundo ezi2 zidityaniswe kakuhle; esinye sidityaniswe buthathaka okanye sineenkcukacha ezingaphelelanga.	Ssifundo esi1 kuphela esidityanisiweyo; unxulumano lolusisiseko okanye aluchanekanga.	Akukho kudityaniswa kwezifundo; okanye umxholo awuhambelani / awuchanekanga.
		3 amanqaku	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Imithombo nokubhekisa kuyo (3 amanqaku)		Udliwanondlebe kunye nemithombo zibandakanyiwe; ukucatshulwa kwemithombo kuyahambelana kwaye kwenziwe kakuhle.	Imithombo ibandakanyiwe kodwa ukubhekisa kuyo akuhambelani; kukho ukuxhomekeka kakhulu ekucaphuleni.	Akukho mithombo ifanelekileyo; akukho ludliwanondlebe; akukho nokubhekisa kwimithombo.
	5-4 amanqaku	**3 amanqaku**	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Ukusetyenziswa kolwimi (5 amanqaku)	Ulwimi luchanekile kakhulu; kusetyenziswe isigama esifanele umgangatho woLwimi lwaseKhaya; ulwimi lusesikweni, Inani lamagama lelichaziweyo	Ulwimi luchanekile ubukhulu becala; kukho iimpazamo ezimbalwa; ithoni ifanelekile; inani lamagama lilandelwe okanye ligqithiswe kancinane.	Iimpazamo zolwimi zenzeka rhoqo; ithoni ngamanye amaxesha ayikho sesikweni; inani lamagama alihlangatyezwanga ngokupheleleyo.	Iimpazamo ezininzi zolwimi; intsingiselo ayicaci; ithoni ayifanelekanga; Inani lamagama alithathelwanga ngqalelo konke konke.

Phawula_____

_____

_____

Intsayino katitshala _____ **AMANQAKU** /30

IPHEPHA LOMSEBENZI 12.4: ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

ILETA YOSHISHINI

Khetha **ISIHLOKO ESINYE** oza kubhala ngaso ileta yakho esesikweni yoshishino.
KHETHA ISIHLOKO ESINYE KWEZI ZINGEZANTSI ULANDELE ISIKHOKELO OSINIKIWEYO UKUBHALA ILETA YAKHO**.**

Isihloko ngasinye siquka:

- ukuba ileta imalunga nantoni,
- kutheni unokukhetha eso sihloko,
- ukuba loluphi ulwazi omele ulufake kwileta yakho.

UKHETHO A: Isicelo sokusebenzisa indawo yoluntu

Isihloko: Bhala ileta esesikweni ucela imvume yokusebenzisa ithala leencwadi lasekuhlaleni, iholo yoluntu, okanye iholo yecawa ukwenza ishishini lakho elincinane.

Kutheni ukhetha esi sihloko?

- Ingcinga yakho yoshishino ifuna indawo yokusebenzela (umzekelo: ukufundisa abanye, ukuthunga, ukwenza iinwele, uncedo lwekhompyutha, okanye ucweyo lweempelaveki).
- Ufuna indawo yasimahla okanye enexabiso eliphantsi.

Faka oku kwileta yakho:

- Ingcinga yakho yoshishino yintoni
- Kutheni le ndawo ifanelekile
- Imihla namaxesha ongathanda ukuwasebenzisa
- Indlela uluntu oluza kuxhamla ngayo
- Iinkcukacha zakho zonxibelelwano

UKHETHO B: Isicelo senkxasomali yokuqala ishishini elincinane

Isihloko: Bhala ileta esesikweni eya kwiOfisi yoPhuhliso loLutsha ucela inkxasomali yokuqala ishishini lakho.

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

Kutheni ukhetha esi sihloko?

- Ufuna imali (inkunzi) yokuthenga oku:
    - izixhobo
    - impahla yokuthengisa
    - ukubhengeza ishishini lakho
    - isithuthi/ imali yokuqasha isithuthi oza kuthutha ngaso iimveliso zakho
- Oku kudibanisa ngqo neengcamango ze-Economic and Management Sciences (imisebenzi yoshishino: ezemali, ukuthengisa).

Faka oku kwileta yakho:

- Ingcinga yakho yeshishini + inkcazelo emfutshane
- Indlela inkxasomali eza kusetyenziswa ngayo
- Kutheni le ngcinga ifuneka kuluntu
- Uhlahlo wabiwo mali olulula (akunyanzelekanga kodwa luyanceda)
- Ukuzinikela kwakho kunye nokuzithethelela kwakho

UKHETHO C: Isicelo sentlanganiso okanye sokucetyiswa ngeshishini

Isihloko: Bhala ileta esesikweni eya kumninishishini wasekuhlaleni ucela uqeqesho okanye iingcebiso.

zokuqala ishishini.

Kutheni ukhetha esi sihloko?

- Wenze udliwanondlebe nosomashishini njengenxalenye yophando lwakho
- Ufuna isikhokelo, izakhono, okanye amava oshishino
- Ufuna unxibelelwano oluyinyani nolusemthethweni ngengcinga yakho yoshishino

Faka oku kwileta yakho:

- Wafumanisa phi ngalo somashishini
- Ingcinga yakho yoshishino yintoni
- Kutheni ufuna iingcebiso zakhe
- Ixesha ofumaneka ngalo lokuhlangana leliphi
- Ukusivala ngembeko isicelo sakho

UKHETHO D: Isicelo somsebenzi weempelaveki / weeholide

Isihloko: Bhala ileta esesikweni ufaka isicelo somsebenzi weempelaveki okanye weeholide zesikolo ukuze ugcine imali yokuqalisa ishishini lakho.

Kutheni ukhetha esi sihloko?

- Ufuna imali yokuqala ishishini
- Ufuna amava omsebenzi
- Ukubonisa ukukwazi ukuthabatha uxanduva kunye nokuzimisela

Faka oku kwileta yakho:

- Indawo ofaka kuyo isicelo
- Izakhono osele unazo
- Indlela lo msebenzi oza kukunceda ngayo ugcine imali yeshishini lakho
- Ixesha onokusebenza ngalo (iiyure / iintsuku)
- Iinkcukacha zakho zonxibelelwano

UKHETHO E: Isicelo semvume yokwenza uvavanyozimvo esikolweni

Isihloko: Bhala ileta esemthethweni eya kwiNqununu yakho ucela imvume yokwenza uvavanyozimvo esikolweni.

Kutheni ukhetha esi sihloko?

- Ishishini lakho lixhomekeke ekuqondeni iimfuno zabafundi
- Ufuna ukuqokelela ulwazi ngemakethi malunga:
    - nezinto abafundi abazithengayo
    - iinkonzo abazifunayo
    - amaxabiso abanokuwafikelela
- Oku kunokudityaniswa ne-Economic and Management Sciences (iimfuno zemakethi + umsebenzi wemakethi).

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

Faka oku kwileta yakho:

- Inkcazelo emfutshane yengcinga yakho ngoshishino
- Kutheni ufuna ukwenza uvavanyozimvo
- Indlela oza kulwenza ngayo (mfutshane, ukhuselekile, ngentlonipho)
- Indlela iziphumo eziya kunceda ngayo ekucwangciseni kwakho
- Isiqinisekiso sokuziphatha kakuhle kunye nokugcina imfihlo

UCWANGCISO LWELETA ESESIKWENI

IMEPHU YEENGCINGA

Bhala ileta yoshishino / ileta esesikwen wenze isicelo sokusebenzisa indawo yoluntu**:** Isicelo senkxasomali yokuqala ishishini elincinane / Isicelo sentlanganiso okanye sokucetyiswa ngeshishini **/** Isicelo somsebenzi weempelaveki / weeholide / Isicelo semvume yokwenza uvavanyozimvo esikolweni .



IPHEPHA LOMSEBENZI 12.5

UYILO LOKUQALA

IMIYALELO KUMFUNDI:

- Ucwangciso lokubhala ileta yoshishino esesikweni
- Sebenzisa **imephu yeengcinga** ekwiphepha lomsebenzi 12.4 ukukhokela ucwangciso lwakho xa ubhala ileta yoshishino
- Sebenzisa izakhono zenkulungwane yama21:
    - intsebenziswano
    - ukucinga nzulu okuhlalutyayo
    - unxibelelwano
    - ubuchule bokuyila
- Landela isihloko seleta yakho: **Ukwenza isicelo sokusebenzisa indawo yoluntu: Isicelo senkxasomali yokuqala ishishini elincinane / Isicelo sentlanganiso okanye sokucetyiswa ngeshishini / Isicelo somsebenzi weempelaveki / weeholide / Isicelo semvume yokwenza uvavanyozimvo esikolweni .**

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

IPHEPHA LOMSEBENZI 12.6

UYILO LOKUGQIBELA

Ngoku sebenzisa **12.4** kunye **12.5** ukubhala **ileta yakho esesikweni**.

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ILETA: AMATHUBA OSHISHINO

Ikhriteriya	Iqaqambile	Iyonelisa	Ifanelekile	Ayiphumelelanga
		3 amanqaku	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Ucwangciso nenkqubo (3)		Isicwangciso esineenkcukacha kunye nokhetho olucacileyo lokulungisa umsebenzi.	Isicwangciso sikhona; kukho ubungqina obuthile bokulungisa umsebenzi.	Akukho sicwangciso; akukho nkqubo yokubhala.
	6-5amanqaku	**4-3 amanqaku**	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Ifomathi noyilo (6)	Yonke imigaqo ilandelwe ngokuchanekileyo; uyilo lucokisekile.	Ikakhulu kuchanekile; kukho iimpazamo ezimbalwa, enye ukuya kwezimbini.	Kukho iimpazamo ezininzi; ezinye iindawo azikho.	Ifomathi ayichanekanga; uyilo alulandelwanga.
	2 amanqaku	**3 amanqaku**	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Injongo, abaphulaphuli nethoni (5)	Injongo icace kakhulu; ithoni isesikweni.	Injongo icacile ubukhulu becala; ithoni iyanelisa ubukhulu becala.	Injongo ayicaci kakuhle; ithoni ngamanye amaxesha ayikho sesikweni.	Injongo ayicaci; ithoni ayifanelekanga.
	7-6 amanqaku	**5-4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1 inqaku**
Umxholo nonxibelelwano lwengcinga (7)	lingcinga zicace kakhulu; ukuthungelana kakuhle kwezimvo; imihlathi iphuhliswe kakuhle.	lingcinga zinengqiqo ubukhulu becala; kukho ukuphazamiseka okuncinane; imihlathi iyanelisa.	lingcinga ziyaphindaphinda okanye ziphumile kumxholo; unxibelelwano lubuthathaka.	Akucwangcisekanga kakuhle; iingcinga azicaci okanye azifanelekanga.
	6-5 amanqaku	**4-3 amanqaku**	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Ulawulo lolwimi (6)	luchaneke kakhulu; isigama sinamandla;phantse kungabikho zimpazamo.	Ikakhulu luchanekile; kukho iimpazamo eziphindaphindayo.	Iimpazamo zininzi; intsingiselo ngamanye amaxesha ayicaci.	Iimpazamo zininzi kakhulu; intsingiselo nomxholo zilahlekile.
		3 amanqaku	**2 amanqaku**	**1 inqaku**
Inani lamagama asetyenzisiweyo (3)		Inani lamagama asetyenzisiweyo lilungile, akumda wamagama alindelekileyo;	Inani lamagama lingaphezulu okanye ngaphantsi kwelilindelekileyo.	Inani lamagama alikhange lithathelwe ngqalelo.

Phawula_____

_____

Intsayino katitshala _____ **AMANQAKU** /30

ULWIMI LWASEKHAYA: UNIKEZELO NGENTETHO: UMSEBENZI

IPHEPHA LOMSEBENZI 15.1

Kutheni lo msebenzi undifanele kakhulu?

Kwintetho yakho yomlomo kufuneka uquke oku kulandelayo:

1. Intshayelelo

- Chaza ikhondo lomsebenzi ojolise kuwo.
- Nika isiqalo esicacileyo nesinomtsalane esibamba umdla wabaphulaphuli.
- Khankanya ngokufutshane indlela ophande ngayo ngalo msebenzi.

2. Inkcazelo ngawe (Iprofayili yakho)

Chaza:

- amandla akho aphambili,
- izinto ozithandayo,
- iimpawu zobuntu bakho,
- kwaye uchaze nendlela uphawu ngalunye oluxhasa nga ukufaneleka kwakho kuloo msebenzi.

Kufuneka usebenzise isigama esicacileyo nesithembekileyo solwimi lwakho lwasekhaya xa uzichaza.

3. Iimfuno zomsebenzi

Chaza ukuba umsebenzi ubandakanyaka ntoni:

- imisebenzi yemihla ngemihla
- uxanduva oluphambili
- izakhono ezifunekayo kunye neempawu zobuntu

Emva koko thelekisa ezi mfuno namandla akho ukuze ubonise ukuba kutheni ukufanele lo msebenzi.

4. Ubungqina bophando

Faka ubuncinane enye kwezi zilandelayo:

- isicatshulwa esifutshane okanye uluvo oluvela kumntu obenodliwanondlebe naye
- inyani enomdla evela kuphando lwakho
- iinkcukachamanani okanye ulwazi oluvela kumthombo othembekileyo
- umzekelo wendawo yokusebenza yokwenene okanye imeko yobomi bokwenyani

Oku kubonisa ukunyaniseka kwezemfundo kwaye komeleza ingxoxo yakho.

5.Inkxaso yokusetyenziswa kokubonwayo (Ayinyanzelekanga kodwa iyakhuthazwa)

Ungasebenzisa:

- islayidi esinye,
- umfanekiso oprintiweyo,
- ilogo okanye uphawu lomsebenzi,
- okanye umfanekiso ofanayo nalowo usetyenziswe kwiProjekthi Edityanisiweyo.

6. Isiphelo

Phetha intetho yakho ngezivakali ezinamandla eziphendula umbuzo:

“Kutheni lo msebenzi undifanele kakhulu?”

Sebenzisa ulwimi oluqinisekisayo nolugqwetha umphulaphuli wakho acinge njengawe.

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

ULWIMI LWASEKHAYA: IRUBRIKI YONIKEZELO LWENTETHO: UMSEBENZI

Ikhriteriya	Iqaqambile	Iyonelisa	Ifanelekile	Ayiphumelelanga
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Umxholo nokuqonda (5 amanqaku)	Ubonisa ukuqonda okunzulu ngekhondo lomsebenzi, ingxoxo icacile kwaye icwangciswe kakuhle; iingcinga ngokuthandwa nguye zomelele kwaye zixhaswe luphando.	Inkcazelo icacile; ulwakhiwo lwengxoxo lunengqiqo; kukho ukuqonda okuthile okubonakalayo.	Inkcazelo yesisiseko; iinkcukacha zincinane okanye unxibelelwano lokuthandwa nguye lubuthathaka.	Iingcinga azicaci, azihambelani nesihloko okanye zincinci kakhulu.
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Ukusetyenziswa kolwimi olukumgangatho woLwimi lwaseKhaya (5 amanqaku)	Kusetyenziswe isigama esityebileyo kakhulu; Ulwimi lukumgangatho ophezulu. Phantse kungabikho zimpazamo.	Ulwimi luchanekile ubukhulu becala; isigama sifanelekile. Kukho iimpazamo ezimbalwa.	Iimpazamo zolwimi zenzeka rhoqo; isigama sinqongophele.	Iimpazamo ezininzi zolwimi; kunzima ukuqonda intsingiselo.
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Ukuhambisa nokubonisa izakhono zokunikezela (5 amanqaku)	Ilizwi licacile kwaye unokuzithemba; ujonga abaphulaphuli; isantya silawulwa kakuhle; Usebenzisa izijekulo. Inkangeleko yobuso ihambelana noko akuthethayo. Intetho inika umtsalane omkhulu. Usebenzisa amakhadi entetho	Ilizwi licacile; kukho ukujonga abaphulaphuli ngamanye amaxesha; isantya silungile ubukhulu becala.Kusetyenziswa izijekulo kunye namakhadi entetho	Uyathandabuza; ufunda kakhulu kwiphepha; ukunxibelelana nabaphulaphuli kuncinane. Akanawo amakhadi entetho	Akucaci kakuhle; kufundwa yonke into; akukho lunxibelelwano nabaphulaphuli. Akusetyenziswa zijekulo. Awekho amakhadi entetho.
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Ukudityaniswa kophando nokulungiselelo olugqwesileyo (5 amanqaku)	Kukho ubungqina obucacileyo bophando; umthombo uyakhankanywa; izixhobo ezibonakalayo zisetyenziswe kakuhle; ulungiselelwe kakuhle.	Kukho ubungqina bophando noko; izixhobo ezibonakalayo zilula; ulungiselelo lulungile ubukhulu becala.	Uphando luncinane; ulwakhiwo lubuthathaka; kuxhomekeke kakhulu kumanqaku.	Akulungiselelwanga; akukho phando; akukho lwakhiwo; akukho zixhobo zibonakalayo.

Phawula_____

_____

_____

Intsayino katitshala _____ **AMANQAKU** /20

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: UNIKEZELO NGENTETHO: AMATHUBA OSHISHINO

Uza kunikezela ngentetho yomlomo kangangemizuzu emi2–3 apho uchaza khona:

“Ithuba leshishini endilichongileyo, nendlela uphando lwam olubonisa ngayo ukuba linokuphumelela**.”**

Le ntetho yomlomo kufuneka isekelwe kwinkqubo yophando efanayo nesetyenziswe kwiProjekthi Edibanisayo.

OKUFUNEKA ABAFUNDI BAKUFAKE

1.Intshayelelo

- Chaza ithuba lakho loshishini (umzekelo: ukuhlanjwa kweemoto okuhambahambayo, inkonzo yokufundisa, indawo yokuthengisa ukutya okunempilo, indawo yeWi-Fi, inkonzo yokucoca, ukuthunga/ukulungisa iimpahla, njl-njl.).
- Chaza umbuzo wakho wophando ngolwimi olulula lweFAL.

Umzekelo: “Umbuzo wam wophando wawusithi: Ingaba ukuhlanjwa kweemoto okuhambahambayo lithuba elihle leshishini kuluntu lwam?”

2.Indlela yokwenza

- Chaza ngokufutshane indlela oqokelele ngayo ulwazi:
- I-Inclinations zeLO (umzekelo: amandla kubunkokeli, kulawulo)
- Udliwanondlebe olunye (usomashishini/utitshala/ilungu loluntu)
- Uphando lweSS (umthetho wocalucalulo → ukufikelela kumathuba eshishini ngokwembali)
- Amanqaku e-EMS (imisebenzi yeshishini + uhlalutyo lwamathuba)
- Incwadi okanye iwebhusayithi

Iziphumo Ezibalulekileyo

Intetho kufuneka ibandakanye amanqaku amathathu obungqina:

A. **Isiphumo seLO** — “Kutheni eli shishini lindifanele”

- Sebenzisa amandla okanye izinto ozithandayo ibe-1–2 ezixhasa ukuqhuba eli shishini
- Umzekelo: “Ndicwangcisekile kwaye ndiyakuthanda ukunceda abantu. Oku kundinceda ekuqhubeni inkonzo yokucoca.”

B**. Isiphumo seSS** — “Indlela imbali ewachaphazela ngayo amathuba oshishino”

- Khetha umthetho omnye wocalucalulo
- Chaza unobangela nesiphumo esinye, kunye nendlela esisakuchaphazela ngayo ukufikelela kwiindawo ezithile zoshishini, imali, okanye iimakethi namhlanje.

C. Isiphumo seEMS — “Indlela ishishini elinokusebenza ngayo”

- Chaza imisebenzi emibini yeshishini kunye nokuba kutheni le misebenzi ibalulekile kwishishini lakho umzekelo: Intengiso nezeMali, Imveliso neMithombo yaBasebenzi, njl-njl.

D. Inkxaso yokusetyenziswa kokubonwayo (Ayinyanzelekanga kodwa iyakhuthazwa)

Ungasebenzisa:

Bonisa umfanekiso omncinane omnye (umzekelo: ipowusta yakho yeCA, umzobo welogo, okanye islayidi esinye) kwaye uchaze ukuba zingena njani kwintetho yakho ukuyomeleza.

5.Isiphelo

Phendula umbuzo wakho wophando ngokuthe ngqo:

“Ngoko ke uphando lwam lubonisa ukuba eli lithuba elihle / asililo ithuba elihle leshishini kuba…”

Ukubhala imithombo yolwazi

Khankanya ubuncinane:

• umntu obunodliwanondlebe naye, kunye

• nomthombo omnye wolwazi (amanqaku, incwadi yesifundo, okanye iwebhusayithi

IPROJEKTHI ESEKELWE KWIANKILE YESIFUNDO NGEZOBOMI

ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IRUBRIKI YONIKEZELO NGENTETHO: AMATHUBA OSHISHINO

Ikhriteriya	Iqaqambile	Iyonelisa	Ifanelekile	Ayiphumelelanga
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Umxholo nokudityaniswa koPhando (5 amanqaku)	Ithuba loshishino lichazwe ngokucacileyo; ubungqina beLO + SS + EMS budityaniswe kakuhle; umfanekiso okanye izixhobo ezibonwayo zomeleza ingxoxo.	Inkcazelo icacile; ubungqina buchanekile ubukhulu becala; umfanekiso usetyenzisiwe kodwa awudityaniswanga ngokupheleleyo.	Kukho ubungqina obuthile kodwa abuchazwanga ngokupheleleyo, Uhlalutyo; lomfanekiso lukhankanywe kancinci.	Akukho okanye kuncinci ukudityaniswa kophando nomxholo; ulwazi alucaci okanye aluchanekanga; akukho mfanekiso
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Ukusetyenziswa kowimi (5 amanqaku)	Ulwimi luchanekile ubukhulu becala; isigama sifanelekile kwinqanaba lo Lwimi Lokuqala Olongezelelweyo, iimpazamo azithinteli intsingiselo.	Kukho iimpazamo ezithile kodwa intsingiselo isacacile.	Iimpazamo zenzeka rhoqo; ngamanye amaxesha intsingiselo ayicaci.	Kukho iimpazamo ezininzi; kunzima ukunxibelelana akuvali ukuba kuthiwa ni.
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Ukubizwa kwamagama ngendlela efanelekileyo, ukuthetha ngokutyibilika, isantya kunye nonxibelelwano nabaphulaphuli (5 amanqaku)	Uthetha ngokuzithemba; indlela yokubiza amagama icacile; isantya sizinzile; unxibelelwano oluhle nabaphulaphuli. Kusetyenziswa amakhadi entetho	Icacile ubukhulu becala; kukho ukuthandabuza okuncinane; kufundwa kancinci ngamanye amaxesha.Kusetyenziswa amakhadi entetho	Uyathandabuza; indlela yokubiza amagama ngamanye amaxesha ithintela ukuqonda; kuyafundwa ubukhulu becala ngaphezu kokuthetha.	Akucaci kakhulu; akukho okanye kuncinane ukujonga abaphulaphuli; kufundwa yonke into. Akukho makhadi entetho
	5 amanqaku	**4 amanqaku**	**3-2 amanqaku**	**1-0 inqaku**
Ukulungela ukwenza intetho, Ulwakhiwo lwentetho ngendlela echanekileyo nokusetyenziswa kweMithombo (5 amanqaku)	Intshayelelo, isiqu kunye nesiphelo zicacile. Imithombo iyakhankanywa. Intetho ilungiselelwe kakuhle.	Ulwakhiwo lunengqiqo ubukhulu becala; amanqaku asetyenziswe kakuhle; imithombo ikhankanyiwe.	Kukho ulwakhiwo oluthile kodwa luyaphazamiseka kwezinye iindawo; imithombo ikhankanywa ngokungacacanga.	Akukho lwakhiwo lucacileyo; akulungiselelwanga; akukho kukhankanywa kwemithombo.

Phawula_____

_____

_____

Intsayino katitshala _____ **AMANQAKU** /20